

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

3

Ikota 1



Umfundi: _____

3

Ikota 1

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Illustrators

Many thanks to Anja Stoeckigt for her contribution to the primary illustrations found in this book. Other illustrations provided by: Crazy Cat: pp. 7–9 and 112–117; Alex Latimer: pp. 17, 60, 68 and 96; Patrick Latimer: pp. 21, 57, 74 and 141; Jiggs Snaddon-Wood: pp. 71, 89, 93 and 127; Zinelda McDonald: pp. 79–84; Rassie Erasmus: phonic words.

Cover: Anja Stoeckigt

Photo credits

Gallo Images: Page 6: Matthew Childs (Springbok rugby team after winning the IRB World Cup in 2019), Page 10: Mike Hewitt (Siya Kolisi playing rugby), Pages 11 and 32: Stringer (Siya Kolisi holding the IRB World Cup trophy), Page 20a: Christiaan Kotze (Temba Bavuma playing cricket), Page 20b: Stringer (Temba Bavuma in Proteas uniform), Page 23a: Sydney Seshibedi (Amanda Dlamini in Banyana Banyana uniform), Page 23b: Lefty Shivambu (Amanda Dlamini playing soccer), Page 26a: Ezra Shaw (Caster Semenya with South African flag), Page 26b: Patrick Smith (Caster Semenya running), Page 28a: Patrick Smith (Wayde van Niekerk with a gold medal), Page 28b: Anton Geyster (Wayde van Niekerk running), Page 34: Leon Sadiki (Pretty Yende singing), Page 37: Rich Fury (Trevor Noah speaking), Page 40: Leon Morris (Brenda Fassie singing), Page 41: Theana Calitz (Lira singing), Page 77: Sowetan/Antonio Muchave (dancer in traditional xibelani skirt); **iStock:** Page 18f: GlobalP (chameleon tail), Page 62b: jacoblund (woman wearing kente cloth), Page 64: siete_vidas (women wearing traditional kanga fabric), Page 73: Alessandro Biascioli (women in kaftans), Page 76a: NEIMUD (woman wearing traditional isicholo hat); Page 54: Leonardo da Vinci (Mona Lisa); Page 56: MiaKora (fabric map of Africa); **Shutterstock:** Page 59a: Tayvay (woman in traditional aso-oke clothes), Page 59b: Tayvay (man in traditional aso-oke clothes); **WikiCommons:** Page 62a: ZSM (kente cloth), Page 76b: Retlaw Snellac Photography (women wearing traditional isicholo hat), Page 144: Ossewa (beach in the Eastern Cape); Page 90: Maggie Laubser (Basutoland Hills); Pages 122a, 122b, 122c, 122d and 122e: Brooklyn Museum (African clay pots); Page 140: Northern Cape Tourism (Kalahari desert).

All other images provided with premium usage by Freepik, Rawpixel and Pexels.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-27-9

Version 2: 2025



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, isiXhosa ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi, INcwadi Yomfundi Yomsebenzi, IBanga 3, Ikota 1, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho

Iveki yoku-1

Wamkelekile kwiBanga lesi-3!

1

Iveki yesi-2

Okumalunga nam

5

Iveki yesi-3

Okumalunga nam

29

Iveki yesi-4

limvakalelo

42

Iveki yesi-5

limvakalelo

65

Iveki yesi-6

Ukuzigcina ndikhuselekile

78

Iveki yesi-7

Ukuzigcina ndikhuselekile

101

Iveki yesi-8

Amalungelo noxanduva

111


Iveki ye-9

Amalungelo noxanduva


132




Ii-ayikhoni



Ukufunda



Ukubhala



Izandi




ULwazi olusisiSeko



EzobuGcisa
beQonga



UkuFunda Wedwa



Faka umbala



Bhala




Sika

Wamkelekile kwiBanga lesi-3!

Iveki yoku-1






Bhala oonobumba abancinci.



A a _____	V _____	C _____	X _____
S _____	F _____	G _____	H _____
I _____	D _____	K _____	P _____
M _____	Y _____	O _____	L _____
Q _____	R _____	Z _____	T _____
U _____	B _____	W _____	J _____
N _____	E _____	Ungafunda oonobumba abangaphi ngomzuzu?	



UMHLA _____

Phawula izandi ozaziyo.

<input type="radio"/> bh	<input type="radio"/> ph	<input type="radio"/> ndl	<input type="radio"/> ngcw
<input type="radio"/> ty	<input type="radio"/> ngq	<input type="radio"/> hl	<input type="radio"/> khw
<input type="radio"/> mv	<input type="radio"/> ngx	<input type="radio"/> hlw	<input type="radio"/> nkw
<input type="radio"/> mf	<input type="radio"/> nts	<input type="radio"/> ngc	<input type="radio"/> nxw
<input type="radio"/> ng	<input type="radio"/> xhw	<input type="radio"/> gcw	<input type="radio"/> ny

Bhala izandi ozivayo.

1 _____	2 _____	3 _____	4 _____
5 _____	6 _____	7 _____	8 _____
9 _____	10 _____		




Iincanda

Iincanda zisebenzisa iintsiba zazo ukuzikhusela. Zingqisha ngeenyawo, zivuthulule iintsiba zazo ukoyikisa ezinye izilwanyana. Ukuba isilwanyana asihambi, zibaleka ngomva ukuze iintsiba zazo ezibukhali zibambeke kweso silwanyana.

Iincanda zingazonzakalisa iingonyama, amahlosi, izinja nabantu. Iphinda ikhule iintsiba ezintsha xa iintsiba zayo zisiwa. Amantshontsho eencanda azalwa eneentsiba ezithambileyo. Iintsiba zawo zithatha iintsuku ezintlanu ukomelela.

- 1 Phawula zonke izinto ezenziwa ziincanda ukuzikhusela.
 - zingqisha ngeenyawo zazo
 - ziyaziluma ezinye izilwanyana
 - zivuthulula iintsiba zazo
 - zibalekela kwesinye isilwanyana
 - zidubula ezinye izilwanyana ngeentsiba zazo
- 2 Ingaba ayakwazi ukuzikhusela amantshontsho eencanda?
 - Ewe
 - Hayi

Ngoba? _____



Okumalunga nam

Iveki yesi-2 neyesi-3





Ibali likaSiya Kolisi



USiyamthanda Kolisi ngumphathi weqela lombhoxo loMzantsi Afrika. Wayengumphathi ngexesha uMzantsi Afrika uphumelela iNdebe yeHlabathi yoMbhoxo ngowama-2019. Eli libali ngobomi bakhe.

USiya wazalwa ngomhla we-16 kweyeSilimela ngowe-1991, ezalelwa eMpuma Koloni. Ngelixa wayengumntwana, wayehlala nomakhulu wakhe. Wayemthanda uSiya kodwa wayengenamali ingako. USiya wayengumntwana owayesoloko egodola kwaye elambile.






USiya waqala isikolo ngowe-1998. Wayezithanda kakhulu ezemidlalo esikolweni. Wayedla ngokubaleka umgama oziikhilomitha ezi-5 yonke imihla, phambi kokuba aye esikolweni. Ngenye imini wabona iqela lamadoda libaleka. Loo madoda ayeyinxalenye yeqela lombhoxo elibizwa ngokuba yiAfrican Bombers. USiya waya kuwabukela xa eziqeqesha ezilolonga. Kungekudala wangenelela wafunda ukudlala umbhoxo.

Kwathi xa wayeneminyaka eli-12, iqela lesikolo laya kudlala kwitumente yombhoxo yezikolo ezinkulu eMossel Bay.

Kuloo tumente wonke umntu wayebona indlela uSiya adlala ngayo. Waye wanikwa isibonelelo semali sokufunda sombhoxo, kwisikolo samabanga aphantsi ekuhlalwa kuso, esibizwa ngokuba yiGrey, eGqeberha. Waqala ukufunda apho kwiBanga lesi-7, kwaye wayengumfundi ozimiseleyo. Wayekuthanda ukuhlala esikolweni, kwaye engumfundi ozamayo kakhulu.







USiya waya kufunda kwisikolo samabanga aphakamileyo iGrey. Wayedlala umbhoxo kwisikolo sakhe, waze kunyaka wakhe wokugqibela kwisikolo samabanga aphakamileyo wakhethwa ukuba abe kwiqela lombhoxo lezikolo zaseMpuma Koloni.

Wathi akugqiba ukufunda, waya kuhlala eKapa, apho wayedlalela iqela lombhoxo laseNtshona Koloni. Emva konyaka, waqala ukudlalela iqela leStormers. Waye watshata ngelixa ehlala eKapa.

Ngowama-2013, uSiya wakhethwa ukuba abe kwiqela lombhoxo laseMzantsi Afrika, elibizwa ngokuba ziiSpringboks. Wayedlala namanye amazwe amaninzi. Ngowama-2018, waye wangumphathi weqela leSpringboks. Yaba kanti iphupha lakhe lifezekile.





Ingqiqo I

Funda ibali **likaSiya Kolisi**.



Funda ucinge

1 Lingabani eli bali?

2 Ingaba uSiya Kolisi ngumntu wokwenyani (ewe okanye hayi)?

3 Ingaba eli bali libali lokwenyani (ulwazi oluyinyani) okanye libali elingeyonyani (laxhiwe engqondweni)?



Phanda ufumane

4 Libizwa ngokuba yintoni iqela lombhoxo laseMzantsi Afrika?

5 USiya ufunde kwizikolo ezingaphi?

6 Uqale ngowuphi unyaka uSiya ukudlalela iqela lombhoxo laseMzantsi Afrika?



Ingqiqo 2

Phinda ufunde **ibali likaSiya Kolisi**.



Phanda ufumane

1 Khangela **igama** ebalini elithetha into enye negama *inkokheli yeqela*. Libhale phantsi. _____

2 Bhala **isivakalisi** esisixelela ukuba ngexesha uSiya wayesemncinci wayengenamali ingako.


3 Zeziphi izixeko ezimbini uSiya awakhe wahlala kuzo?



Ngokukokwam/ngokuzimela

4 Ucinga ukuba kutheni uSiya ekwazile ukufeza amaphupha akhe?

5 Liyintoni elakho iphupha?



Ukubhala ngesandla

Ziqhelise aba nobumba kwincwadi yakho yokubhalela ngosuku ngalunye.



MVULO

x	i	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>
x	ii	<i>ii</i>	<i>ii</i>	<i>ii</i>	<i>ii</i>	<i>ii</i>	<i>ii</i>	<i>ii</i>	<i>ii</i>

LWESIBINI

x	t	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>
x	tt	<i>tt</i>	<i>tt</i>	<i>tt</i>	<i>tt</i>	<i>tt</i>	<i>tt</i>	<i>tt</i>	<i>tt</i>

LWESITHATHU

x	i	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>	<i>i</i>
x	it	<i>it</i>	<i>it</i>	<i>it</i>	<i>it</i>	<i>it</i>	<i>it</i>	<i>it</i>	<i>it</i>

LWESINE

x	t	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>	<i>t</i>
x	ti	<i>ti</i>	<i>ti</i>	<i>ti</i>	<i>ti</i>	<i>ti</i>	<i>ti</i>	<i>ti</i>	<i>ti</i>

LWESIHLANU

x	<i>it</i>	<i>ti</i>	<i>tt</i>	<i>ii</i>	<i>it</i>	<i>ti</i>
x	<i>ti</i>	<i>tt</i>	<i>it</i>	<i>ti</i>	<i>ii</i>	<i>ti</i>



Khangela la magama angezantsi.

ihlwempu izihlangu waminxwa inxanxadi
~~unxweme~~ inxili uyanxwala



w	a	m	i	n	x	w	a	m	x	h	u
s	a	v	y	t	y	t	l	f	v	z	n
i	h	l	w	e	m	p	u	y	t	q	x
r	g	i	h	l	z	l	w	v	k	z	w
b	y	i	z	i	h	l	a	n	g	u	e
n	u	y	a	n	x	w	a	l	a	y	m
i	n	x	a	n	x	a	d	i	g	g	e
m	t	y	j	i	n	x	i	l	i	y	p

Khetha amagama amathathu, uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Zincinci izihlangu zikaLifa.



Umama unxibe inxili.



Abantwana badlala elunxwemeni.



Inxanxadi lihleli emthini.



Ngubani onxibe inxili?



Ukukhula



Imveku

Iintsana ezincinci kakhulu kufuneka zityiswe, zihlanjwe, zigcinwe zifudumele kwaye zithandwe.



Usana

Iintsana zinakho ukuncanca ibhotile nokusela ngekomityi. Zifunda ukuziqengqa, zifunde nokuhlala, emva koko zikhase.



Umntwana oselula

Abantwana abaselula bayakwazi ukuhamba, ukubiza amagama athile, bolathe izinto nokubabamba icephe.



Umntwana wesikolo sabaqalayo

Abantwana abasaqala isikolo bayakwazi ukubaleka, ukudlala nabanye abantwana, bayakwazi ukubuza nokuphendula imibuzo.



Umntwana olungele isikolo

Abantwana abalungele isikolo bayakwazi ukuzinxibisa nokuzilungiselela ukuya esikolweni. Esikolweni bafunda ukufunda, ukubhala nokubala.


Bhala ngomntwana omncinci omaziyo.

Ndazi _____ (usana/umntwana omncinci njl.)

Igama lakhe ngu _____ (igama).


Uyakwazi _____





Imigca neemilo

Cinezela phezu komgca onamajikojiko, othe tyaba noligophe.



ngokuthe tyaba

ngokuthe nkqo

igophe

amajikojiko

gosogoso

Fakela isandi esishiyiweyo.



1 i n x i l i



2 u _____ me



3 i n x a _____ d i



4 i z i h l a _____



5 a m e _____



6 i s i h l w a _____ z i



7 i h l w e _____



8 i _____ w a



UTemba Bavuma - umdlali weqakamba

UTemba Bavuma wazalelwa eKapa ngowe-1990. Wafunda ukudlala iqakamba esikolweni. Waba ngumqhokri obalaseleyo. Wathi xa eneminyaka engama-24 ubudala, wonyulwa ukuba adlalele iqela leqakamba laseMzantsi Afrika.



Funda ucinge

Ingaba eli bali libali lokwenyani? _____



Phanda ufumane

UTemba wazalelwa phi?





Yintoni abakwaziyo ukuyenza?









Phawula izinto esikwaziyo ukuzenza ngokobudala bethu.



usana

umntwana

umntu omdala

ukufunda 				
ukusela 				
ukubaleka 				
ukuzityela 				
ukutsiba 				
ukuqhuba imoto 				
ukuncuma 				
ukukhwela emithini 				



Isigama



Gqibezela isivakalisi ngasinye usebenzise elinye lamagama.



sisikolo ekuhlalwa
kuso ngabafundi

indebe yehlabathi
yombhoxo

itumente

mphathi

isibonelelo semali
yokufunda

- 1 USiya Kolisi ngu _____
weqela lombhoxo laseMzantsi Afrika.
- 2 UMzantsi Afrika waphumelela _____
_____ ngowama-2019.
- 3 Iqela lesikolo laya kudlala _____
yombhoxo wezikolo.
- 4 USiya wanikwa _____
ukuba aye kwisikolo samabanga aphantsi nesamabanga
aphakamileyo iGrey.
- 5 Isikolo yayi _____,
ngoko ke, wayesitya aze alale esikolweni.





3

UMHLA _____

U-Amanda Dlamini - umdlali webhola ekhatywayo

U-Amanda Dlamini wazalelwa KwaZulu-Natal. Wafunda ukudlala ibhola ekhatywayo esikolweni. Wathi akuba neminyaka eli-10, wadlalela iqela lamakhwenkwe. Waze akukhula, wadlalela iqela lamabhinqa. Uthe akuba neminyaka eli-19, wadlalela iBanyana-Banyana. Ngowama-2016 wayesele edlalele uMzantsi Afrika imidlalo eli-100!



Phanda ufumane

Wazalelwa phi u-Amanda? _____



Funda ucinge

Ucinga ukuba kutheni u-Amanda wayedlalela iqela lamakhwenkwe ngexesha wayemncinci?



Okumalunga nam


Gcwalisa ifomu.



- 1 Igama: _____
- 2 Umhla wokuzalwa: _____
- 3 Indawo ozalelwe kuyo: _____
- 4 Idilesi yendawo ohlala kuyo ngoku: _____

- 5 Igama lomzali/umntu okukhulisayo: _____
- 6 Igama lesikolo: _____

- 7 Faka umbala kwiphondo ozalelwe kulo.



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



esihlwahlwazayo

umhlaba



ukunxwala

ihlathi



lunesihlwitha



inxele



1 Bekusitsha ihlathi elingasekhaya.

2 Usana lwasekhaya _____ seenwele.

3 ULinda usebenzisa _____ xa ebhala.

4 USipho akadlali kakuhle, uyathanda _____ abanye abantwana.

5 Uchumile _____ wesikolo sethu, kukhula imifuno eluhlaza.

6 Umama uthe ubawela isiselo _____.



UCaster Semenya - imbaleki

UCaster Semenya wazalelwa eLimpopo. Waqala ukubaleka kwisikolo samabanga aphakamileyo. Wayesoloko ephumelela ugqatso lweemitha ezingama-800. Ukhuphisene kwimidlalo yee-Olimpiki emibini. Waphumelelela uMzantsi Afrika imbasa yegolide kumdlalo ngamnye.



Phanda ufumane

Zingaphi iimbasa zegolide ezaphunyelelwa nguCaster?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Yintoni Imidlalo yee-Olimpiki?



Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

**Funda la magama neqabane lakho.
Phawulani amagama eningakwaziyo ukuwafunda.
Fundani amagama eningawazanga.**

igusha	ujingi	phakama	phatha	umva
ngoko	uyoyika	ifoto	amagama	nguye
imbewu	ipilisi	idolo	bhaka	dlula
jikeleza	yima	ibali	ingaba	mhle
lumka	igolide	yakha	ingxolo	xuba
qhekeza	igogogo	linda	ifowuni	umvundla
qhuba	ayeke	luma	vula	ubhuti
ufuna	azama	xhuma	vala	ngomso

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo?
Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____
Zama ukwenza ngaphezulu kwenzaku lakho lakuqala.



UWayde van Niekerk - imbaleki

UWayde van Niekerk wazalelwa eNtshona Koloni ngowe-1992. Wayewuthanda umdlalo wombhoxo nokubaleka esikolweni. Wayebaleka ugqatso lweemitha ezingama-200 kwisikolo sakhe samabanga aphakamileyo, kwaye wayesoloko ephumelela. Uthe akuba neminyaka engama-20 ubudala, watshintshela kugqatso lweemitha ezingama-400. Waphula irekhodi lehlabathi, waze waphumelela imbasa yegolide kwimidlalo yee-Olimpiki yangowama-2016.



Phanda ufumane

Yeyiphi le migama mibini uWayde van Niekerk wayeyibaleka?


_____ kunye _____



Ngokukokwam/ngokuzimela

Chaza enye imbaleki yoMzantsi Afrika eyaphumelela imbasa yegolide.





Ukubhala ngesandla

Ziqhelise aba nobumba kwincwadi yakho yokubhalela ngosuku ngalunye.



MVULO

x	n	<i>n</i>	<i>n n n n n</i>
x	ni	<i>ni</i>	<i>ni ni ni ni</i>

LWESIBINI

x	m	<i>m</i>	<i>m m m m</i>
x	mn	<i>mn</i>	<i>mn mn mn</i>

LWESITHATHU

x	p	<i>p</i>	<i>p p p p p</i>
x	pm	<i>pm</i>	<i>pm pm pm</i>

LWESINE

x	r	<i>r</i>	<i>r r r r r</i>
x	tr	<i>tr</i>	<i>tr tr tr tr</i>

LWESIHLANU

x	<i>ni nm mo is ti i</i>
x	<i>mp mi in ii nr nr</i>

Tshatisa umfanekiso negama.

ibhola

ingalo

ingubo

ilanga

ubhontsi

ibhedi

phunga

ibhotile

thunga

ucango





Funda izivakalisi

Bathi besatheza ehlathini babona ihlosi.



Ubhuti ungenele ukhuphiswano lokwenyuka intaba.



ULiya ulunywe yinyoka wadumba ingalo.



ULizo ubuye emnyama lilanga laseBhayi.



Utata wam uyawuthanda umbhoxo.



Ngubani olunywe yinyoka?



Ulandelelwano lwexesha lukaSiya Kolisi

Ulandelelwano lwexesha lusibonisa ukuba izinto zenzeka nini ngokulandelelana kwazo.







Kumqolo ngamnye, bhala u-1 okanye u-2 ukubonisa ukuba yintoni eyenzeke kuqala okanye eyesibini.



Waya kwisikolo ekuhlalwayo kuso ngabafundi	Wabangumphathi weqela lombhoxo lesikolo samabanga aphantsi
Wadlalela uMzantsi Afrika	Wabangumphathi weSpringboks
Wadlalela iqela lombhoxo leNtshona Koloni	Wadlalela uMzantsi Afrika

Isinye nesininzi

Isinye sesibizo sithetha ngento enye kuphela. Size **isininzi sezibizo** sisetyenziswe kwizinto ezingaphezu kwesinye. Izibizo zinezimaphambili ezahlukeneyo zesinye nezesininzi.

Isinye	Isininzi
ilori 	iilori 
umntu 	abantu 






A. Fakela izimaphambili zesinye okanye zesininzi.



aba ama imi izi ii isi um i


Isinye	Isininzi
1 <u>um</u> bhoxo	<u>imi</u> bhoxo
2 _____ ntwana	_____ ntwana
3 _____ thi	_____ thi
4 _____ tya	_____ tya
5 _____ kolo	_____ kolo

B. Bhala izininzi zala magama kwincwadi yakho yokubhalela.

1 	2 	3 	4 	5 
---	---	---	---	---



UPretty Yende - imvumi ye-opera



Phanda ufumane

Wazalelwa phi uPretty? _____



Ngokukokwam/ngokuzimela

Wakhe wawuva umculo we-opera? Phi?





Abantwana babantu nabezilwanyana

Funda ulandelelwano lwamaxesha.



Ulandelelwano lwexesha lwabantwana beendlovu

Iiyure ezi-2 uyaphakama
Iiyure ezi-3 uqala ukuhamba
Iiyure ezi-4 usela ubisi
Inyanga e-1 uyabona
Unyaka o-1 angayitya
ingca kunye
namagqabi

Ulandelelwano lwexesha lwabantwana babantu

Iyure e-1 uyabona
Iiyure ezi-2 usela ubisi
Inyanga eyi-1 uyancuma
Iinyanga ezi-6 amazinyo
okuqala
ayavela
Unyaka o-1 uqala
ukuhamba
nokuthetha

Thelekisa abantwana. Bhala **indlovu** okanye **umntu**.

- 1 Ngomphi umntwana ohamba kuqala? _____
- 2 Ngomphi umntwana osela ubisi kuqala? _____
- 3 Ngomphi umntwana okwazi ukubona kuqala? _____



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



~~hlosi~~ ingalo intaba bhola
 ilanga ucango


- 1 Abadlali be _____ ekhatywayo baphumelele.
- 2 Umama uthi udinwe ingathi ebenyuka _____.
- 3 Ligqatsile namhlanje _____.
- 4 Musa ukuluvala kakubi _____.
- 5 Wophuke _____ kumdlalo wombhoxo.
- 6 Abazingeli badibene nehlosi ehlathini.



3

UMHLA

UTrevor Noah - iqhula




Phanda ufumane

UTrevor Noah wafudukela kweliphi ilizwe?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Yintoni umsebenzi weqhula?






Iphepha lamanqaku ngam

Yenza uluhlu lweminyaka oyiphilileyo.




Unyaka	Ubudala/Iminyaka
	Ndazalwa

Faka umbala kwinyanga yakho yokuzalwa.



EyoMqungu	EyoMdumba
EyoKwindla	UTshazimpunzi
UCanzibe	EyeSilimela
EyeKhala	EyeThupha
EyoMsintsi	EyeDwarha
EyeNkanga	EyoMnga

Faka umbala kumaphondo okhe wahlala kuwo.



Mpuma Koloni	Freystata	Gauteng	KwaZulu-Natal	Limpopo	Mpumalanga	Mntla ntshona	Mntla Koloni	Ntshona Koloni
--------------	-----------	---------	---------------	---------	------------	---------------	--------------	----------------

Bhala izinto ezine ozenzayo ngoku owawungakwazi ukuzenza ukuzalwa kwakho.





Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ziqhelise ukufunda la magama neqabane lakho. Fundani ngotyibiliko. Qaphelani iziphumlisi.

USiya Kolisi wazalwa ngomhla we-16 kweSilimela ngowe-1991, ezalelwa eMpuma Koloni. Kwathi akuba neminyaka eli-12, iqela lesikolo laya kudlala kwitumente yombhoxo yezikolo ezinkulu eMossel Bay. Kuloo tumente wonke umntu wayebona indlela uSiya adlala ngayo. Waye wanikwa isibonelelo semali yokufunda sombhoxo sokufunda kwisikolo ekuhlalwa kuso ngabafundi, eGqeberha njengomnye wabantwana abahlala esikolweni.

Wayekuthanda ukuhlala esikolweni. Wayedlala umbhoxo kwisikolo sakhe, waze kunyaka wakhe wokugqibela kwisikolo samabanga aphakamileyo wakhethelwa ukudlalakwiqela lombhoxo lezikolo zaseMpuma Koloni.


6
12
18
23
30
37
42
46
49
53
59
63
68
70

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo? Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lakuqala.

	1	2
Inani lamagama endingawazanga.		



UBrenda Fassie - imvumi ekwangumbhali weengoma



Funda ucinge

UBrenda wafudukela eRhawutini eneminyaka emingaphi?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Bhala igama lengoma eculwa nguBrenda Fassie.






5

UMHLA

ULira - imvumi



Phanda ufumane

ULira wazalelwa kweliphi iphondo?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Yeyiphi eyona mvumi yaseMzantsi Afrika uyithandayo?

Iimvakalelo

Iveki yesi-4 neyesi-5





Umakhulu kaSindi uze kutyelela



Umakhulu kaSindi wayesiza kutyelela. Wayehlala kwelinye ilizwe elikude. Wayesiza ngenqwelomoya eMzantsi Afrika. USindi waxelela abahlobo bakhe ababini abasenyongweni, uNosipho no-Alma, ngotyelelo. Wayecinga ukuba ngaba umakhulu wakhe uza kufana na noomakhulu babahlobo bakhe.



Lwafika lona usuku olukhulu. Itekisi yamisa kokwabo. Kwaphuma inenekazi. Lalingakhangeleki kwaphela njengomakhulu, kodwa lalikhangeleka njengomdlali womboniso bhanyabhanya! Entloko, lalithwele iqhiya enkulu, enombala ogqamileyo. Isinxibo salo senziwe ngelaphu elineepatheni ezintle. Lalinawona macici ajingayo kunye nezona zihlangu zichophileyo awakhe wazibona uSindi.



Eli nenekazi lathi lakubona uSindi lakhwaza. Lathi, “Sindi, sana lwam endilithandayo. Ndingumam’uQaqamba, umakhulu wakho.” Laze laya lityhaleka ukumanga. USindi waxakwa kukuphefumla ngenxa yesiqholo kunye nelaphu elimjikelezileyo.



USindi wayethandazela ukuba abamelwane bangayiboni le nto.



Umam' uQaqamba wayethetha ngendlela engaqhelekanga, awayeqala ukuyiva uSindi. Yaphinda yakhala intsimbi yasemnyango. USindi wayesazi ukuba ngabahlobo bakhe ababini. Baza kucinga ntoni? Ingaba baza kumhleka umakhulu wakhe? USindi waziva eneentloni, wacinga ukungaluvuli ucango. Watsho phantsi, ngoba umam' uQaqamba wayesele eluvulile ucango. Wabangenisa ngaphakathi. "Ngenani zithandwa. Inokuba ningabahlobo bosana lwam uSindi!"



Umam' uQaqamba wayebathanda abantwana. Waye wapeyinta iinzipho zamantombazana zabomvu. Wabavumela ukuba balinganise izihlangu zakhe. Wabathwalisa iiqhiya ezintle entloko ezifana neyakhe. "Le yindlela esinxiba ngayo emitshatweni yaseNigeria. Ndiyayithwala naxa ndikumabonakude," utshilo kubo. Wabadlalela umculo waseNigeria, wababonisa nomdaniso waseNigeria. Amantombazana ayeqala ukubona umakhulu onje. Babeneyona ntsasa yonwabisayo kakhulu.



Kungekudala, lafika ixesha lokuba bagoduke. “Owu Sindi, unomakhulu olungileyo,” watsho uNosipho. “Uyonwabisa kakhulu,” watsho u-Alma. “Unethamsanqa!” USindi waqonda ukuba akasenazo iintloni ngomakhulu wakhe. Wayezingca ngomakhulu wakhe omhle, owayesuka kwilizwe elikude.





Ingqiqo I

Funda ibali, Umakhulu kaSindi uze kutyelela.



Phanda ufumane

1 Ngawaphi amazwe amabini asebalini?

_____ ne _____



Funda ucinge Biyela iimpendulo ezichanekileyo.

2 Wathi akufika umakhulu wakhe, uSindi waziva

eneentloni / esoyika / ezingca / ezolile.

3 Emva kokuba umam' uQaqamba ebonise ububele kubahlobo bakhe, uSindi waziva

eneentloni / esoyika / ezingca / ezolile.




Ngokukokwam/ngokuzimela Gqibezela izivakalisi.

4 Ndiyazingca ngo _____

ngoba _____

5 Ndaziva ndineentloni ngokuya _____



Ingqiqo



Funda ibali, **Umakhulu kaSindi** uze kutyelela.



Phanda ufumane

- 1 Khangela iphepha elinegama, “Unethamsanqa.”

Iphepha _____



Funda ucinge

- 2 Ngubani owathi, “Unethamsanqa”? _____

- 3 Ucinga ukuba uSindi unethamsanqa? Kutheni usitho?

Ngoba _____



Ngokukokwam/ngokuzimela

- 4 Bhala isivakalisi ngento oziva unethamsanqa ngayo.


Ndinethamsanqa _____



Khangela la magama angezantsi.

ibhabhathane xhela xhentsa ingubo ixhalanga
 inxeba ihlwili ixhwele intaka ixhwili

i	b	h	a	b	h	a	t	h	a	n	e
i	n	x	e	b	a	o	x	h	e	l	a
q	x	h	e	n	t	s	a	x	z	f	i
i	q	b	m	i	x	h	w	i	l	i	n
b	e	i	h	l	w	i	l	i	y	h	t
i	x	h	a	l	a	n	g	a	l	u	a
k	t	j	w	i	x	h	w	e	l	e	k
p	i	n	g	u	b	o	g	x	q	p	a



Khetha amagama amathathu uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Utata usikwe yimela wanenxeba esandleni.



Ixhalanga yintaka etya inyama yezinye izilwanyana.




Usisi ebegula waze wanyangwa lixhwele.



Ihlwempu licela amalizo.



Ibhabhathane liyazithanda iintyatyambo.



Yintoni le ithanda iintyatyambo?




Umfanekiso




UMona Lisa wazotywa nguLeonardo Da Vinci

- 1 Ubona ntoni kulo mzobo?
- 2 Ingaba wonwabile okanye ulusizi?

Fakela isandi esishiyiweyo.




1 xho ma



2 iintsi



3 izixho



4 ixhwi



5 _____ ela



6 i _____ ane




7 i _____ imbi



8 X _____ tha



Amalaphu afumaneka e-Afrika



Maninzi amazwe e-Afrika. Kwamanye ala mazwe kwenziwa amalaphu amahle. Kwenziwa iimpahla ngelaphu. Ilaphu kunye neepatheni zahlukile ngokwamazwe ngamazwe. Kule mephu ilizwe ngalinye liboniswa ngepatheni yelaphu eyahlukileyo.



Phanda ufumane

Bhala igama elithetha into enye nento yokwenza iimpahla:



Ngokukokwam/ ngokuzimela

Yeyiphi ipatheni oyithanda kakhulu?
Yikhuphele apha:



Ugqatso lukaPitso



Yimini yezemidlalo. UPitso ukugqatso lwerileyi.




UPitso unexhala lokuba uza kuwisa ukhuni.



UPitso ukhumbula amazwi katata wakhe.



UPitso wehlisa umoya. Uyazixelela, "Ndingakwenza oku."



Isigama



Gqibezela isivakalisi ngasinye usebenzise elinye lamagama.



ezingca

iqhiya

iipatheni

laphu

ngendlela
engaqhelekanga

- 1 Umam' uQaqamba wayethwele _____
entle entloko.
- 2 Umakhulu kaSindi wayenxibe impahla eyenziwe
nge _____ elinemibala
eqaqambileyo.
- 3 USindi waziva _____ ngomakhulu wakhe
osuka eNigeria.
- 4 Umam' uQaqamba wayethetha _____.
- 5 Kukho _____
ezahlukileyo emalaphini amazwe ahlukileyo.





Iimpahla zaseNigeria

ENigeria, kukho impahla ebizwa ngokuba yiAso-Oke. Iimpahla zeAso-Oke zenzelwe amaxesha akhethekileyo. Amabhinqa aneblawuzi ebizwa ngokuba yibuba, kunye nombhinqo omde obizwa ngokuba yi-iro. Kukwakho neqhiya entle ebizwa ngokuba yigele. Amadoda anxiba ihempe ewakuwaku kunye nebhulukhwe.

Emagxeni, amadoda namabhinqa banxibe umxwayo (isashi). Iimpahla zeAso-Oke zingenziwa nangaliphi na ilaphu. Zisoloko zisenziwa ngemibala eqaqambileyo.



Phanda ufumane



Biyela iimpendulo ezichanekileyo.

Iimpahla zeAso-Oke zezase **Mzantsi Afrika / Nigeria / Lesotho.**

Impahla yeAso-Oke inokuba **nawuphi na umbala / umbhala obomvu kunye nohlaza kuphela / umbhala mhlophe kunye negolide kuphela.**

Igama lesiNigeria elithi *gele* lithetha **ibhulawuzi / isiketi / iqhiya.**


Ezi mpahla zinxitywa **yonke imihla / ngamaxesha athile / azinxitywa konke konke.**



U-Ayanda uyacaphuka



Umntakwabo Ayanda omncinci ugila isiselo sakhe.



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



Ubuxhwangu



izixhobo



lixhwele



xhwitha

Ixhwili



uxhoma



lixhwele

- 1 Ebugula, waza wanikwa iyeza _____.
- 2 Umama _____ impahla emanzi.
- 3 _____ yinja yokuzingela.
- 4 Utata usegadini kodwa akaziphethanga _____.
- 5 Wabilise amanzi oku _____ inkukhu.
- 6 _____ ziimbovane eziluma kabuhlungu.



Ilaphu laseGhana




Kudaladala eGhana, abantu baqalisa ukuluka ilaphu elinemigca, elibizwa ngokuba yiKente. Ngaphambili yayiziinkosi kuphela ezazivunyelwa ukuba zinxibe eli laphu. Eli laphu lalenziwe ngemicwe emide, emxinwa eneepatheni zemigca. Loo micwe yayidityaniswa ukuze kwenziwe ilaphu. Iipatheni ezahlukileyo zazinamagama ahlukikeyo.



Ngokukokwam/ngokuzimela



Yila amalaphu eKente amathathu, uze uwazobe.





Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Funda la magama neqabane lakho.
Phawulani amagama eningakwaziyo ukuwafunda.
Fundani amagama eningawazanga.

phakama	umva	phatha	igusha	ujingi
ifoto	nguye	amagama	ngoko	uyoyika
idolo	dlula	bhaka	imbewu	ipilisi
ibali	mhle	ingaba	jikeleza	yima
yakha	xuba	ingxolo	lumka	igolide
linda	umvundla	ifowuni	qhekeza	igogogo
luma	ubhuti	vula	qhuba	ayeke
xhuma	ngomso	vala	ufuna	azama

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo?
Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____
Zama ukwenza ngaphezulu kwenzaku lakho lakuqala.



Ilaphu elineepatheni ezimbini



EMpuma Afrika, ikanga lilaphu eliyilwe ngokukhethekileyo, elimalunga nemitha ububanzi nemitha enesiqingatha ubude. Linepatheni ejikeleze isiphelo, ebizwa ngokuba yipatheni yomda, kunye nepatheni eyahlukileyo embindini. Kudla ngokubhalwa umyalezo okanye intetho elaphini. Abantu badla ngokuthenga iikanga ezimbini ukuze benze iimpahla.



Phanda ufumane



- 1 Ilaphu ikanga liyimitha **enye enesiqingatha / enye / iimitha ezimbini** ubude.
- 2 Ilaphu ikanga lisoloko **linendawo esembindini / linomda / linomyalezo**.
- 3 Eli laphu lixhaphakile **eMntla / eMpuma / eNtshona** Afrika.
- 4 Ungenza iimpahla ngekanga/ngeekanga **enye / ezimbini / ezintathu**.

Tshatisa umfanekiso negama.

isandla

intlama

indlebe

indlu

intlanzi



indlovu

inkwenkwezi

indlulamthi

inkwenkwe

intloko





Funda izivakalisi

Zinkulu iindlebe
zendlovu.




Indlulamthi sesona
silwanyana side.



Usisi uxova intlama
yokwenza amagwinya.



Intliziyo yakhe yabetha
kakhulu luvalo.



Kwakhiwa izindlu kwela
bala lingasekhaya.



Sesiphi esona silwanyana side?



Indlela yokucela uxolo

1

Ndicela uxolo.



Mxelele umntu indlela ovakalelwa ngayo.

2

Bekungamelanga ndikungxolele.



Mxelele le nto ingalunganga uyenzileyo.

3

Bendingazimiselanga ukukoyikisa.



Mbonise ukuba uyazi ukuba umenze waziva njani.

4



Andisokuze ndiphinde ndiyenze le nto.



Lungisa le nto uyenzileyo.

Ixesha langoku nelidlulileyo

Izenzi zichaza into eyenziwayo. **Ixesha** lesenzi lisixelela ukuba into leyo yenzekele nini na. Izenzi **zinezimaphambili** ezahlukileyo ezikumaxesha ahlukileyo.

Ixesha langoku	Ixesha eladlulayo
Ndisoloko ndiphumelela. 	Ndaluphumelela ugqatso. 

A. Fakela izimaphambili zexesha langoku okanye zexesha elidlulileyo.

waye wa la u li



Isimaphambili sexesha langoku	Isimaphambili sexesha elidlulileyo
1 <u>u</u> hlala	<u>waye</u> hlala
2 _____ bopha	_____ bopha
3 _____ thetha	_____ thetha
4 _____ tya	_____ tya
5 _____ thwele	_____ thwala

B. Bhala kwixesha elidlulileyo kwincwadi yakho yokubhalela.

- 1 Yena ubhala encwadini.
- 2 Bona batya iziqhamo.
- 3 Thina sikhwela iteksi.
- 4 Yena unxiba izihlangu.
- 5 Mna ndinukisa iintyatyambo.



Ihempe yase-Afrika

Idashiki luhlobo lwelaphu olunepatheni eshicelelwe kulo. Ipatheni inolingano-macala. Ngamanye amaxesha ipatheni iye yenziwe ngokuthungwa. *Idashiki* isoloko isenziwa ibe ziihempe neelokhwe. Ihempe ikhe ibe yinxalenye *yesuti yedashiki*,

iba nebhulukhwe ehambelana nayo. Uzifumana ezi hempe kulo lonke eli lase-Afrika. Zinxitywa ngamadoda kunye nangamabhinqa, kwaye azihlohlwa.



Phanda ufumane

Bhala igama elithetha ukufana macala omabini:



Funda ucinge

Ingaba ihempe *yedashiki* ivezwa phezu kwebhulukhwe?





Ukuvisa omnye umntu kabuhlungu

Thetha ngomfanekiso



- Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
- Kutheni abantwana beyiphatha kakubi intombazana?
- Bathini kuye?
- Ivakalelwa njani intombazana?
- Ungenza ntoni xa unokubona kusenzeka le nto?

Kutheni kubalulekile ukuhlonipha iimvakalelo zabanye abantu?
Bhala izivakalisi.



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



~~indlovu~~ iintlanzi intlama sandla
indlulamthi yinkwenkwezi

- 1 ULoli ubhala nge _____ sasekhohlo.
- 2 Umama uxove _____ eninzi.
- 3 Ikhwezi _____ echaza ukuza kokusa.

4 Indlovu _____ ineendlebe ezinkulu.

5 _____ sesona silwanyana side.

6 Utata uyakuthanda ukuloba _____.



Ilokhwe yase-Afrika

Ikaftan luhlobo lwelokhwe ende okanye ihempe enxitywa ngamadoda namabhinqa. Iwakuwaku kwaye inde kakhulu. Ilunge kakhulu kwimozulu eshushu kuba igcina umzimba wakho upholile. *Iikaftan* zixhaphakile kumazwe aseMntla Afrika, njengeMorocco. Kule mihla abantu kwihlabathi jikelele banxiba *iikaftan*.



Funda ucinge

Ucinga ukuba kutheni le nto abantu kwihlabathi jikelele benxiba *iikaftan*?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Ungathanda ukuyinxiba *ikaftan*? Ngoba?



Yeka ukuxhaphaza!

YEKA UKUXHAPHAZA!



Asiyonto iphucukileyo ukwenza abanye abantu bazive bebancinci.

Abahlobo banobubele!



Yiba ngumhlobo ungabi ngumxhaphazi!



Cwangcisa ipowusta yokunqanda ukuxhaphaza.


Iza kubhekisa kubani? _____

Ungasebenzisa awaphi amagama?

- Amagama abalulekileyo: _____

- Amanye amagama: _____

Ungathanda ukuzoba umfanekiso onjani kuyo?



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ziqhelise ukufunda la magama neqabane lakho. Fundani ngotyibiliko. Qaphelani iziphumlisi.

Iteksi yamisa kuloSindi. Kwaphuma inenekazi. Entloko, lalithwele iqhiya enkulu, enombala ogqamileyo. Isinxibo salo sasenziwe ngelaphu elineepatheni ezintle.

Lathi, “Sindi, sana lwam endiluthandayo. Ndingumam’ uQaqamba, umakhulu wakho.” Laze laya lityhaleka ukumanga. USindi wayethandazela ukuba abamelwane bangayiboni le nto. Umam’ uQaqamba wayethetha ngendlela engaqhelekanga, awayeqala ukuyiva uSindi.

USindi nabahlobo bakhe babeqala ukubona umakhulu onje.

5
10
15
17
22
26
31
35
41
45
50
52

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo? Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lakuqala.

	1	2
Inani lamagama endingawazanga.		




Umnqwazi wesiNtu



Kudaladala, oomama bamaZulu babenohlobo olukhethekileyo lokuluka iinwele emva kokuba betshatile. Oku kwakubonisa ukuba lowo unezo nwele akaseyiyo intombi. Kule mihla bayakwazi ukuthwala umnqwazi obizwa ngokuba *sisicholo*. Ulukwa ngeengcongolo okanye ingca, umile ngendlela yeenwele zesiNtu. Uye udaywe bomvu, kwaye uhonjiswe ngamaso. Kule mihla, oomama abaninzi bathwala iminqwazi *yesicholo* ngamaxesha akhethekileyo.



Zoba nawuphi na umnqwazi onokuthanda ukuwuthwala.






5

UMHLA

Isiketisi sesiNtu

Abantu bamaTsonga bahlala kwindawo ekumantla woMzantsi Afrika. Uya kufumana amaTsonga nakwamanye amazwe ase-Afrika. Ngaphambili, amabhinqa amaTsonga ayenxiba iziketisi ezikhethekileyo xa bexhentsa. Iziketisi zazibizwa ngokuba zii*Xibelani*. Kule mihla, amabinqa asathanda ukunxiba iziketisi ezinje ngamaxeshakhethekileyo. Iziketisi zinepliti ezininzi ezisondeleleneyo. Udinga ngaphezulu kweemitha ezili-18 zelaphu ukwenza isiketisi esinye.



Phanda ufumane

Kutheni kudingeka ilaphu elikhulu xa usenza *iXibelani*?

Biyela impendulo echanekileyo.

iXibelani sasinxitywa ngamabinqa **amaTsonga / amaZulu / amaPedi**.

Iziketisi **zinamaqhosha / iipliti / iiziphu** amaninzi/ezininzi.


Abantu abathetha *iXitsonga* bahlala **eMzantsi Afrika / eMzantsi Afrika nakwamanye amazwe ase-Afrika / eZimbabwe**.



Ukuzigcina ndikhuselekile

Iveki yesi-6 neyesi-7






UPhesi Hagu ufunda isifundo



Utitshalakazi Hagu wathi kubafundi bakhe, “Kuzo kubakho uvavanyo lwezibalo ngomso.” UPhesi wayesoyika, ecinga ukuba akasokuze aluphumelele uvavanyo. Ngoko wenza icebo. Ukuphuma kwesikolo, wathenga ilolipop ebomvu.




Ngosuku olulandelayo, umama kaPhesi wakhwaza. “Vuka Phesi. Lixesha lokuya esikolweni. Khawulesiza uphakame. Kufuneka ndiye emsebenzini.” Umama uHagu wayengumongikazi. “Ndiyagula, mama. Umqala wam ubuhlungu,” watsho uPhesi. “Yiza ndibone,” watsho umama uHagu. Wajonga umqala wakhe. “Owu, ndiyawubona umqala wakho ubomvu kakhulu!” Wayengaboni ukuba kukho ukhuni lwelolipop phantsi kwebhedi.

“Ndiza kufaka le themometha emlonyeni wakho imizuzu embalwa,” watsho umama uHagu.

Emva kwexeshana, wabuya wayikhupha ithemometha. Wajonga amanani. “Kowu, mntwan’am! Unobushushu obuphezulu. Kungcono uhlale ekhaya. Akuyi esikolweni namhlanje. Ndiza kucela ummelwane, umakazi uHagu akujonge.”

Wayengaboni ukuba kukho ikomityi enamanzi ashushu phantsi kwebhedi.





Wafika ummelwane, umakazi uHagu. Wayekhe wangutitshalakazi, kwaye uPhesi Hagu wayemoyika kakhulu. Wangena egumbini lokulala. Amehlo akhe abukhali angqala ngqo kwikomityi kunye nokhuni lwelolipop ngoko nangoko.

“Mmm. Ndicinga ukuba udinga iti yam ekhethekileyo yamagqabi,” watsho.

“Owu hayi! Ndicinga ukuba sele ndiziva ngcono,” watsho uPhesi. Wayengayifuni ngokwenene iti ekrakra.

“Hayi tyhini. Kufuneka ufumane ikomityi enkulu yeti yamagqabi. Emva koko, siza kwenza izibalo. Andifuni simoshe usuku lwakho.”



Kwade kwabasemini emaqanda. “Lixesha lesidlo sasemini,” watsho umakazi uHagu. “Ndinesityu esimnandi senyama yomsila wenkomo, ndiza kusifudumeza.”

“Hmm. Ndiyayithanda inyama yomsila wenkomo,” kwatsho uPhesi.

“Owu, hayi. Ugula kakhulu Phesi. Loo mqala wakho ubuhlungu, kungcono usele iti eninzi,” watsho kuye.

“Kwaye emva kwesidlo sasemini siza kwenza ezinye izibalo.”

“Yho hayi,” wacinga uPhesi. “Ndikhetha ukuya esikolweni.”



Ngentsimbi yesi-6 emalanga, umama uHagu wabuya emsebenzini. Wabulela kumakazi uHagu. “Sinjani isigulana?” wabuza.

“Ndicinga ukuba uza kukwazi ukuya esikolweni ngomso,” watsho encumile umakazi.


“Ngokuqinisekileyo,” watsho uPhesi.

Ngosuku olulandelayo esikolweni, utitshalakazi uHagu wathi, “Phesi, ndiyavuya ukukubona. Ufike kanye ngexesha lovavanyo lwezibalo. Izolo besitye lelewe ngumntu weSebe lezeMfundo. Ngoko ke, uvavanyo siluhlehlisile.”

Kowu, usizana olunguPhesi! Icebo lakhelalingasebenzanga.

Kodwa noko kwabakho into entle aphume nayo. Ngenxa yokuba wayeqhelanise ngamandla, wayiphendula ngokuchanekileyo yonke imibuzo kuvavanyo lwezibalo.





Ingqiqo



Funda ibali elithi, **UPhesi Hagu ufunda isifundo.**



Funda ucinge **Biyela iimpendulo ezichanekileyo.**

- 1 Umqala kaPhesi Hagu wawubomvu **ngenxa yokuba wayegula / wayemunce ilolipop / wayenomqala obuhlungu.**
- 2 Ithemometha yabonisa ukuba uPhesi Hagu wayenobushushu obuphezulu kuba **yayophukile / wayegula / wafaka ithemometha emanzini ashushu.**
- 3 UPhesi Hagu wenza ngathi uyagula ukuze **atye inyama yomsila wenkomo / alale imini yonke / aphose uvavanyo lwezibalo.**
- 4 UPhesi Hagu wachitha imini yonke **elele / esitya / eziqhelanisa nezibalo.**
- 5 **Umakazi uHagu / umama uHagu / utitshalakazi uHagu** akazange aqhathwe nguPhesi Hagu.

Ingaba uPhesi Hagu walonwabela usuku lwakhe ekhaya? Cacisa ukuba kutheni.



Khangela la magama angezantsi.


igwada ~~ingwamza~~ igwele ingwane
 igwinya ingwenya



a	o	s	i	n	g	w	a	m	z	a	i
i	q	j	p	y	w	i	i	b	n	p	g
g	i	f	f	i	g	w	a	d	a	g	h
w	e	m	r	j	b	c	g	r	k	c	f
e	c	y	i	n	g	w	e	n	y	a	o
l	o	x	m	q	w	c	u	s	a	a	s
e	a	c	i	g	w	i	n	y	a	h	k
y	j	i	n	g	w	a	n	e	c	s	v

Khetha amagama amathathu uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Imuncu le ntlama, igwele lininzi.



Ingwenya sisilwanyana esihlala emanzini nasemhlabeni.



Ingwane ihlala emanzini kwaye inemilenze emininzi.



Musa ukugalela isepha eninzi, uza kuxakana nogwebu.



Abazingeli bavele phambi komgwebi.



Ngoobani abavele phambi komgwebi?



Umzimba wam ngowam




Ukubamba ngendlela elungileyo



Hayi! Andiyithandi loo nto.

Ukubamba ngendlela engalunganga



Khumbula! Umzimba wam ngowam.

Umzimba wam ngowam



Imbono

Lebhelisha umfanekiso ngala magama.



Maggie Laubser, *Basutoland Hills*

ngaphambili

ngasemva

phakathi

ukudibana

Fakela isandi esishiyiweyo.



1 izi gwe qe



5 u _____ bu



2 in _____ mza



6 i _____ vu



3 i _____ osi



7 i _____ e



4 ingwa _____



8 u _____ awo



Isthethoskopu

Isthethoskopu sisetyenziswa ukumamela ukubetha kwentliziyo yomntu. Isthethoskopu sineendawo ezimbini zeendlebe kunye nendawo engqukuva yentliziyo, esilivere. Ugqirha ufaka indawo yeendlebe ezindlebeni zakhe, aze abeke indawo yesifuba apho intliziyo yakho ikhoyo. Uyakwazi ukuva ukubetha kwentliziyo yakho. Ugqirha ukhe ayibeke indawo yesifuba esifubeni okanye emqolo ukuze ave indlela ophefumla ngayo.



Ngokukokwam/ngokuzimela

Bhala malunga nexesha owakhe wabona ngalo isthethoskopu.



Ukuthemba

Phawula iimeko ezikhuselekileyo kuSophie.


Yiza uzokudlala,
Sophie.



Sela isiselo esibandayo
kunye nathi ntombazana
encinci.



Umakhulu
uyasikhupha, siya
kuthenga ezivenkileni.



Lixesha lokuya
esikolweni,
Sophie.




Ndingakusa
esikolweni
ngokukhawuleza.



Uyafuna ukubona
umabonakude
wam?





Isigama



Gqibezela isivakalisi ngasinye usebenzise elinye lamagama.



Isigulana

nobushushu

Umqala

Ithemometha

ihlehlisiwe

- 1 _____ wakho usuka emlonyeni uye esifubeni sakho.
- 2 Xa unomkhuhlane uba _____ obuphezulu.
- 3 _____ ngumntu ogulayo.
- 4 Intlanganiso _____ kuba uyagula.
- 5 _____ ilinganisela ubushushu.

Bhala amagama ...

aqala ngo-gw: _____

anamalungu amathathu: _____



Ithemometha



ithemometha yemetyhuri



ithemometha yamanani

Ithemometha zizixhobo zokulinganisa ubushushu bakho. Zijonga indlela oshushu ngayo umzimba wakho. Xa ugula umzimba wakho ungashushu ngakumbi. Kukho iintlobo ezahlukileyo zeethemometha. Ezinye **iithemometha** zenziwe ngetyhubhu yeglasi enento ebizwa ngokuba yimetyhuri ngaphakathi. Zibizwa ngokuba **ziithemometha zemetyhuri**. **Iithemometha zamanani** zisebenza ngokwahlukileyo. Zibonisa ubushushu kwisikrini sazo.



Phanda ufumane

Loluphi uhlobo lwethemometha

- olunetyhubhu yeglasi? _____
- olunesikrini? _____



Ngokukokwam/ngokuzimela


Loluphi uhlobo lwethemometha owakhe walubona?





Intlonipho

Phawula imifanekiso ebonisa abantu abanentlonipho kwabanye abantu.



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.




Ingwe

Ingwenya



Ingwamza



ugwebu

Igwele



ligwala



1 USipho akathandi ukulwa kuba ligwala.

2 Xa ugalela isepha eninzi amanzi kubakho

_____ oluninzi.

3 _____ yintaka ethandekayo.

4 _____ sisilwanyana esihlala emanzini.

5 _____ inesikhumba esimabalabala.

6 _____ yenye yezithako zokwenza intlama yokubhaka isonka.



I-othoskopu



Kukho isixhobo esikhethekileyo esisetyenziswa ukujonga ezindlebeni zakho, esibizwa ngokuba yi-othoskopu. Ugqirha okanye umongikazi angasisebenzisa xa unendlebe ebuhlungu, okanye xa ugula. Inesibane esenzela ukuba oogqirha bakwazi ukubona ngaphakathi endlebeni yakho, ukuze babone ukuba kutheni indlebe yakho ibuhlungu. Ngoogqirha nabongikazi kuphela ekufuneka bajonge endlebeni yakho.



Phanda ufumane



Ngoobani abasebenzisa i-othoskopu?

Ugqirha uyisebenzisa xa kutheni i-othoskopu?



Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

**Funda la magama neqabane lakho.
Phawulani amagama eningakwaziyo ukuwafunda.
Fundani amagama eningawazanga.**

phatha	umva	ujingi	igusha	phakama
amagama	nguye	uyoyika	ngoko	ifoto
bhaka	dlula	ipilisi	imbewu	idolo
ingaba	mhle	yima	jikeleza	ibali
ingxolo	xuba	igolide	lumka	yakha
ifowuni	umvundla	igogogo	qhekeza	linda
vula	ubhuti	ayeke	qhuba	luma
vala	ngomso	azama	ufuna	xhuma

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo?
Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____
Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lakuqala.




Itshathi yamehlo


Ngenye imini kungadingeka ukuba uxilongwe amehlo. Ugqirha uza kuba netshathi ekufuneka uyifunde. Iza kuba noonobumba, amanani kunye neemilo kuyo. Ugqirha kufuneka afumanise ukuba ubona izinto ngcono xa zikude okanye xa zikufutshane na. Ukuba udinga iindondo zamehlo, ugqirha uza kusebenzisa isixhobo ukufumanisa ukuba kudingeka eziphi iilensi kwiindondo zakho zamehlo.



Ngokukokwam/ngokuzimela



Zizobe unxibe iindondo zamehlo ezikhethekileyo.



Ukubhala ngesandla

Ziqhelise aba nobumba kwincwadi yakho yokubhalela ngosuku ngalunye.

ee

MVULO

x	e	e	e e e e e e e e
x	ei	ei	ei ei ei ei ei

LWESIBINI

x	f	f	f f f f f f f f
x	fe	fe	fe fe fe fe fe fe

LWESITHATHU

x	o	o	o o o o o o o o
x	lo	lo	lo lo lo lo lo lo

LWESINE

x	s	s	s s s s s s s s
x	ms	ms	ms ms ms ms ms

LWESIHLANU

x	ef fo so se ne ti ef
x	le he fi ce da as ce

Tshatisa umfanekiso negama.

igxalaba




ingxangxasi



umgxobhozo



ingxangxosi



umntwana



intlama



inkwenkwezi



inxeba



indlovu



inkamela



Funda izivakalisi

Wophuke igxalaba kumdlalo wombhoxo.



Itsho kamnandi ingxolo yamanzi engxangxasi.



Iihagu ziyawuthanda umgxobhozo.



Sihle isibhakabhaka xa sineenkwenkwezi ebusuku.



Iinwele zexhego zimhlophe qhwa.



Iihagu zithanda indawo enjani?

Iimpawu zokubhala

Iimpawu zokubhala zisinceda ukuba sifunde kwaye sikuqonde esikufundayo kwisivakalisi. Isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu, singaphela ngesingxi/ngesikhuzo okanye ngophawu lombuzo.



A. Fakela iimpawu zokubhala.

A

.

?

!

,

“a”

kwakungekho nto ingako yokwenza entabeni wabaleka
wehla entabeni waza wakhwaza esithi ncedani
ncedani nanku udyakalashi abahlali belali bamva
beza benyuka intaba bebaleka

B. Izalathandawo.

Izalathandawo zisixelela apho into ikhoyo okanye indawo eya kuyo.

Fakela izalathandawo

1 Abantwana ba _____
ententeni.



2 Iincwadi zi _____
kwetafile.



3 Isikhephe sihamba

kwebhlorho.



4 Ungayifumana
indlela _____
kwiphazili yemeyzi?



5 Ihashe lixhumele

kocingo.



6 Imoto ihamba

ndleleni.





Ukhwaze uthi udyakal Ashe Isahluko I



Abahlali bacela umalusi ukuba abalusele amatakane abo eebhokhwe. Iibhokhwe zazisitya ezintabeni. Abahlali bamxelela ukuba alumkele udyakal Ashe onomqolo omnyama.

“Oodyakal Ashe bayathanda ukutya amatakane eebhokhwe,” batsho.

“Usibize sizokunceda xa umbona. Siza kumgxotha emke.”

Ngoko ke, umalusi waya entabeni neebhokhwe.



Phanda ufumane

Kwakutheni le nto kwakufuneka umalusi alumkele udyakal Ashe?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Ucinga ukuba yintoni eza kulandela?



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



engxangxasi igxalaba ngxobhozo
xhego Ixhwele nkwenkwezi

1 Itsho kamnandi ingxolo yamanzi

engxangxasi.

2 Wophuke _____ kumdlalo wombhozo.

3 _____ ngumntu onyanga ngamayeza esiNtu.

4 Sihle isibhakabhaka xa sinee _____ ebusuku.

5 Iinwele ze _____ zimhlophe qhwa.

6 Sibone iinyibiba ezininzi kufuphi no
_____.



Ukhwaze uthi udyakalashe Isahluko 2



Kwakungekho nto ingako yokwenza entabeni. Umalusi wabanesithukuthezi. Wagqiba ekubeni adlale ngabahlali. Wabaleka wehla entabeni, waza wakhwaza esithi, “Ncedani, Ncedani! Nanku udyakalashe!” Abahlali bamva, beza benyuka intaba bebaleka. Beza neentonga bezokugxotha udyakalashe. Kodwa into abayifumanayo ngumalusi, ehleka iqhinga alidlalileyo.




Funda ucinge

Kwakutheni ukuze umalusi ahleke?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Ucinga ukuba yintoni eza kulandela?





Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ziqhelise ukufunda la magama neqabane lakho. Fundani ngotyibiliko. Qaphelani iziphumlisi.

Umama kaPhesi wakhwaza, “Vuka Phesi. Lixesha lokuya esikolweni. Khawulesiza uphakame. Kufuneka ndiye emsebenzini.”

“Ndiyagula, mama. Umqala wam ubuhlungu,” watsho uPhesi.

“Yiza ndibone,” watsho umama. “Owu, ndiyawubona umqala wakho ubomvu kakhulu!”

Wayengaboni ukuba kukho ukhuni lwelolipop phantsi kwebhedi. Wafaka ithemometha emlonyeni kaPhesi, waze waya kunxiba. Akambonanga uPhesi ngexesha esiya kwigumbi lokuhlambela.

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo? Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lakuqala.

	1	2
Inani lamagama endingawazanga.		


6
10
13
18
20
25
30
35
39
44
49
50



4

UMHLA

Ukhwaze uthi udyakal Ashe Isahluko 3



Emva kweentsuku ezimblwa, ukutshona kwelanga, umalusi weva ingxolo engceni. Wabona udyakal Ashe omkhulu emva kwelitye ujonge iibhokhwe. Esoyika, wabaleka esihla entabeni ekhwaza, “Ncedani, ncedani! Nanku udyakal Ashe!”

Abahlali bamva umalusi kodwa abazange beze bebaleka entabeni njengoko babenzile ngaphambili. “Laa nkwenkwe ayisayi kuphinda isenze izidenge,” batsho.



Funda ucinge

Kwakutheni ukuze abahlali bangamncedi umalusi?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Ucinga ukuba yintoni eza kulandela?





Ukhwaze uthi udyakal Ashe Isahluko 4



Udyakal Ashe wonda ngelinye lamatakane eebhokhwe, wemka nalo. Umalusi akazange akwazi ukumnqanda eyedwa. Wayelusizi eneentloni xa wayebuya entabeni nezinye iibhokhwe ngobo busuku.

Wafunda isifundo. Amaxoki awakholelwa naxa ethetha inyaniso.



Ngokukokwam/ngokuzimela

Ungamxelela ntoni umalusi?



Amalungelo noxanduva

Iveki yesi-8 neye-9





UHana noLizo



Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwaye kukho intombazana nenkwenkwe, ababebizwa ngokuba nguHana noLizo. Babehlala kwindlu esekupheleni kwehlathi. Babehlala notata wabo.

Suku nosuku utata wabo wayesiya emsebenzini, bona babeshiyeka endlwini. UHana noLizo babengabantwana abanenkathalo. Emva kokuba emkile utata wabo, bona babesipha iinkukhu ukutya, benze umsebenzi wabo wesikolo, baze bapheke isidlo sangokuhlwa. Utata wabo wayezingca ngabo. Wayenomthetho nje omnye, “Musani ukuya ehlathini.”

Ngenye imini kwakungekho sipinatshi sokufakwa kwisityu. “Ndinqwenela ukuba sikhe singene ehlathini sikhangele isipinatshi,” watsho uHana. “Kodwa ndiyoyika ukuba singalahleka.”

ULizo wayenombono. “Masingene ehlathini sishiye umkhondo ngeemvuthuluka zesonka, ukwenzela ukuba sifumane indlela yokuphuma kwakhona,” watsho uLizo. Balibala ngomthetho katata wabo.






Abantwana bangena ehlathini. Bashiya ngononophelo umkhondo wesonka emva kwabo.

Enzulwini yehlathi babona indlwana encinane. Bathi njengoko babesiya besondela, babona ukuba yindlwana engaqhelekanga. Yayenziwe ngezimuncumuncu eziswiti! Ewe, zonke iindidi zeebhiskithi, iilekese neetshokoletshi zazisetyenzisiwe ukwenza iindonga, ucango kunye neefestile. UHana noLizo babezithanda izimuncumuncu eziswiti.

ULizo waqalisa ukutya ithayile yophahla lweebhiskithi, waze uHana watya ilekese yejeli efestileni. Kwathi besatya, kwenzeka into embi. Kwaphuma isigebenga esibi kakhulu kulo ndlwana, sabanqakula ngeengalo zabo. Sahleka intsini yenkohlakalo, “Ndazile ukuba indlwana eyenziwe ngeelekese iza kundinceda ndibambe abantwana. Ndiyathanda ukutya abantwana. Ndiza kunitshixela ngaphakathi okwalo mzuzu ndikhangela iinkuni.” Sabatsalela ngaphakathi.






UHana noLizo babesoyika kakhulu ngaphakathi kwendlu emnyama. Kodwa babengabasombululi beengxaki, baze benza icebo lokuqhwecha. Babona ifestile eyenziwe ngetshokoleti. Batya itshokoleti ukuze ibe nkulu. Baze bancedisana ukuphuma ngefestile. Kungekudala, bawufumana umkhondo wabo weemvuthuluka zesonka. Bawulandela babuyela kokwabo, bebaleka kangangoko banako.

Bafika endlwini kanye phambi kokuba utata wabo abuye emsebenzini. Wavuya kakhulu kuba bekhuselekile. “Ndiyathemba ukuba niyawuqonda umthetho wam ngoku,” watsho. Baze bawulandela lo mthetho ukususela ngoko.





Ingqiqo


Funda ibali, uHana noLizo.



- 1 Ngawaphi amaphepha oza kufumana kuwo:
 - Isihloko sebali: iphepha _____
 - Umfanekiso wendlu eyenziwe ngeelelese: iphepha _____
- 2 Chaza izizathu ezimbini zokuba kutheni kusithiwa uHana noLizo babengabantwana **abanenkathalo**?

- 3 Kutheni ucinga ukuba babengavunyelwa ukuba bangene ehlathini? Nika izizathu ezimbini.
 - Ngenxa yokuba _____
 - Ngenxa yokuba _____
- 4 Kwakutheni ukuze isigebenga sifune iinkuni?
 - Ngenxa yokuba _____

- 5 Bayifumana njani indlela egodukayo abantwana?



Ukubhala ngesandla

Ziqhelise aba nobumba kwincwadi yakho yokubhalela ngosuku ngalunye.

MVULO

x

n m p r i t nm it

x

pn pr ir np ri tm

LWESIBINI

x

w v w y c a uw ca

x

wy ew ya ac ve wa

LWESITHATHU

x

d g l h b dg lh

x

lg bd hu ld ag di

LWESINE

x

e f o s eo es no

x

en fa si fo on de en

LWESIHLANU

x

iu ad ne lm go cw

x

a b f g i m p o a

x

hd tv do fe un ae

x

s k r w c h q j s k



Khangela la magama angezantsi.

ibhokhwe ingwe ~~unonkala~~ igwada
 intsimbi ihlathi undwendwe



u	n	o	n	k	a	l	a	u	i	w	s
i	h	l	a	t	h	i	e	f	g	b	z
n	d	u	n	d	w	e	n	d	w	e	u
d	j	d	c	u	z	w	w	m	a	r	k
i	b	h	o	k	h	w	e	e	d	b	o
i	n	g	w	e	r	g	s	l	a	h	k
y	n	n	i	n	t	s	i	m	b	i	t
p	f	a	i	k	l	a	t	h	i	c	p

Khetha amagama amathathu uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____

- 2 _____

- 3 _____



Funda izivakalisi

Isikolo sethu singena ngentsimbi yesibhozo.



Ekhaya kufike undwendwe luphethe umphako.



Indwe ineentsiba ezinomtsalane.




Sibone unonkala ehamba ngecala.



Mna nabahlobo bam siyakuthanda ukuhleka intsini xa sidibene.



Yintoni le yenziwa ngesindwe?



Iingqayi



Iingqayi zesiNtu

- 1 Zeziphi izinto **ezingafaniyo** ozibonayo?
- 2 Yeyiphi **imigca** kunye **neepatheni** ozibonayo?
- 3 Zeziphi **iindlela zokwaxhiwa** ozibonayo?



Itshokholethi



Iitshokolethi zizimuncumuncu. Itshokolethi yenziwe ngembewu yomthi, ebizwa ngokuba ngumthi **wekoko**. Imbewu yekoko iyakrakra xa uyitya ikrwada. Ukwenza imbewu ibeyitshokolethi ziyomiswa, zicolwe, zize ziqhotswe. Ukwenza mnandi ngakumbi, kudityaniswa iswekile, i-oli okanye ubisi. Uninzi lwembewu yekoko lukhuliswa eNtshona Afrika.



Phanda ufumane

Iphuma kweyiphi imbewu itshokolethi?




Ngokukokwam/ngokuzimela

Yeyiphi itshokolethi ongathanda ukuyitya ngoku?




Amalungelo noxanduva lwam ekhaya



Faka umbala kwizikwere. Sebenzisa umbala omnye kumalungelo nomnye kuxanduva.

Ukuba nekhaya elicocekileyo	Ukukhathalela indawo endihlala kuyo	Ukuhlonipha amalungu osapho lwam	Ukuba nokutya okwaneleyo
Ukuzigcina ndisempilweni ngokuzilolonga	Ukuba nexesha lokudlala	Ukukhuseleka ekhaya	Ukugcina izinto zam ziqokelelekile kwaye zicocekile
Ukuphathwa ngobubele	Ukukhathalelwa xa ndigula	Ukungamoshi ukutya	Ukuthobela imithetho yokhuseleko

Bhala isivakalisi esichaza indlela onceda ngayo ekhaya.



Isigama



Gqibezela isivakalisi ngasinye usebenzise elinye lamagama.



Ehlathini

xanduva

imithetho

msombululi wengxaki

isigebenga

- 1 Ukuba ungu _____ uza kuzifumana izisombululo zeengxaki.
- 2 _____ kukho imithi emininzi.
- 3 Sikhona isizathu sokuba kubekho _____ eklasini.
- 4 Entsomini kwasoloko kukho _____ esibi esitya abantwana.
- 5 Sonke sino _____ lokuba nobubele kwabanye abantu.





Iilekese

Iilekese zizimuncumuncu. Zenziwe ngeswekile, evela kwisityalo esibizwa ngokuba ngumoba. Iifama zomoba ungazibona KwaZulu-Natal. Iindiza zomoba ziyatyumzwa, zicudiswe kuphume amanzi aswiti. Loo manzi ayabiliswa, aze omiswe, kwenziwe iswekile. Ukwenza iilekese, iswekile iyanyibilikiswa, ize ifakwe umbala, incasa, okanye kufakwe ijeli. Kukho iindidi ngeendidi zeelekese, ezifana neelolipop, iilekese ezimungunywayo kunye nezejeli.



Phanda ufumane

Iswekile isuka kwesiphi isityalo?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Bhala ezona lekese uzithandayo ezimbini.





Amalungelo noxanduva lwam esikolweni

Tshatisa ilungelo noxanduva. Cinga ngelinye ilungelo nolunye uxanduva. Wabhale kwitheyibhile.



- Ukuhlonitshwa
- Ukwenza iimpazamo
- Ukuziphatha ukwenzela ukuba abanye bafunde
- Ukumamela izimvo zabanye abantu
 - Ukuhlonipha abanye abantu
 - Ukufunda kwiimpazamo zam
 - Ukuba nezam izimvo
 - Ukufunda



Amalungelo am	Uxanduva lwam
1. Ukuhlonitshwa	1. Ukuhlonipha abanye abantu
2.	2.
3.	3.
4.	4.
5.	5.

Gqibezela izivakalisi
ngamagama achanekileyo.



Ingwe



ingxangxosi

unonkala



undwendwe

ixhwane



iintsiba



undwendwe

- 1 Ekhaya kufike _____ luphethe umphako.
- 2 Ndibone _____ ngasemlanjeni ehamba ngecala.
- 3 _____ sisilwanyana sasehlathini.
- 4 Igusha incancisa _____ layo.
- 5 Zintle _____ zendwe.
- 6 _____ yintaka enemilenze emide.



Ijem

Ijem sisimuncumuncu esiswiti. Yenziwe ngeziqhamo neswekile. Isiqhamo sinqunqwa sibe ngamaqhekeza amancinci, size sibiliswe namanzi neswekile. Ezinye ijem zenziwa kwimizi-mveliso, kodwa unakho ukuzenzela ijem ekhaya. Ziziqhamo ezithile kuphela ekunokwenziwa ngazo ijem. Iziqhamo ezinje ngama-orenji, iipesika, iiapilkosi, namaqunube ekunokwenziwa ngazo ijem. Iisangweji zeejem kunye nebhotolo yamandongomane zenza isidlo sasemini esimnandi.



Phanda ufumane

Yenziwa ngantoni ijem?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Loluphi uhlobo lwejem oluthandayo?





Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

**Funda la magama neqabane lakho.
Phawulani amagama eningakwaziyo ukuwafunda.
Fundani amagama eningawazanga.**

uhambile	watya	kwakhona	inqatha	linda
funisa	izilwanyana	utsotsi	elandelayo	ihobe
umsebenzi	inyanga	xhela	umakhulu	qhekeza
cotha	nyamezela	umphathiswa	ebaleni	uyoyika
umntwana	intloko	batsala	itshintshi	ipere
umntu	ikhwapha	bophelela	wacinga	isele
utata	ungaze	thuthuzela	unyawo	emva
ingqukuva	ingalo	thimla	nyathela	vuthela

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo?
Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____
Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lakuqala.



Iibhiskithi

Iibhiskithi zizimuncumuncu eziswiti. Uninzi lwebhiskithi zenziwe ngomgubo, ibhotolo kunye neswekile. Izithako zixutywa kunye, zenziwe mcaba, zize zibhakwe e-ontini. Izinto ezahlukileyo zingadityaniswa kwiibhiskithi, njengekhokhonathi, amandongomane okanye itshokolethi. Iibhiskithi ziyenziwa nakumzi-mveliso okanye ekhaya. Iibhiskithi zidla ngokuba switi kwaye zibekrwam-krwam.




Phanda ufumane


Zenziwe ngantoni iibhiskithi?



Ngokukokwam/ngokuzimela


Loluphi uhlobo lwebhiskithi oluthandayo?





Ukubhala ngesandla

Ziqhelise aba nobumba kwincwadi yakho yokubhalela ngosuku ngalunye.



MVULO

x

j

j

j j j j j j j j

x

ja

ja

ja ja ja ja ja ja

LWESIBINI

x

q

q

q q q q q q q q

x

qu

qu

qu qu qu qu qu qu qu qu

LWESITHATHU

x

r

r

r r r r r r r r

x

it

it

it it it it it it it it

LWESINE

x

x

x

x x x x x x x x

x

lx

lx

lx lx lx lx lx lx lx lx

LWESIHLANU

x

ar ji ur ex qu lr

x

ja xa qu ri qq xe

Tshatisa umfanekiso negama.

ingca

isigcawu

izihlangu

iingcambu

ingcuka


ingcibi


imigca

inxeba

ingcongconi

igcisa





Funda izivakalisi

Ingca emanzi iba neengcongconi.



USindi ulunywe sisigcawu wadumba.



Iingcambu zomthi wasekhaya zidilize indlu.



Xa ugqibile ukubhala uze ukrwele umgca.



Iingcibi iyilungisile indlu yasekhaya ibidilikile.



Ingca emanzi iba nantoni?



* Imithetho yeklasi *



Yiba nobubele

Sebenza ngokuzimisela

Phulaphula abanye

Musa ukufika emva kwexesha



Sebenzani kunye

Gcina isikolo sakho sicocekile




Khuseleka



Funda kwiimpazamo zakho

Khathalela izinto zesikolo



Bhala umthetho omnye phantsi kwesihloko ngasinye.

Zihloniphe _____

Hlonipha abanye _____

Hlonipha isikolo sakho _____

Bekuzakwenzeka ntoni ukuba besingenayo imithetho yeklasi?

Isivumelanisi sentloko

Isivumelanisi ligama/iceba elivumelana nentloko kwisivakalisi eso usakhayo.

Abantwana bangena ehlathini.



Igongqongqo labamba abantwana.



Fakela isivumelanisi.

lu si u zi ba i

Intloko

Isivumelanisi sentloko

- | | | | |
|---|-----------|----------|--------------|
| 1 | Umama | <u>u</u> | yatya. |
| 2 | Usana | _____ | lele. |
| 3 | Izinja | _____ | yakhonkotha. |
| 4 | Abantwana | _____ | yadlala. |
| 5 | Isitya | _____ | cityekelwe. |
| 6 | Iwulu | _____ | wululekile. |

Krwelela/Rhangqela izivumelanisi.

- 1 Utata uya edolophini.
- 2 Abakhwenyana bafikile.
- 3 Isikhafu sam sikrazukile.
- 4 Umntwana uyakhala ufuna ukulala.
- 5 Izikhonkwane ziyophuka kuba zithambile.



IHlathi laseKnysna



Amahlathi ziindawo ezinezityalo nemithi emininzi. Elona hlathi likhulu eMzantsi Afrika libizwa ngokuba liHlathi laseKnysna. Linemithi emininzi emide, izityalo, imilambo neentaka. Likhaya lezilwanyana ezahlukileyo ezifana namahlosi, iimfene, amafudo kunye neendlovu. Inye kuphela indlovu eseleyo kwiHlathi laseKnysna!



Ngokukokwam/ngokuzimela



Ucinga ukuba kutheni kukho indlovu enye kuphela? Kuza kwenzeka ntoni xa ifile le ndlovu?



UMgaqo-siseko

Funda ngoMgaqo-siseko, uze ufake amagama ashiyiweyo.

uhloniphe elikhululekileyo amalungelo mthetho
alawule abantwana

UMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika

UMgaqo-siseko luxwebhu olubaluleke kakhulu.

Labhalwa ngowe-1996, xa uMzantsi Afrika waba lilizwe

_____. Sisicwangciso sokuba urhulumente

kufuneka _____ njani uMzantsi Afrika.

UMgaqo-siseko ngowona _____ uphezulu

welizwe. Wonke omnye umthetho kufuneka ulandele kwaye

_____ uMgaqo-siseko. UMgaqo-siseko ukhusela


_____ wethu njengabemi. Uquka namalungelo

_____.

Bekungenzeka ntoni ukuba ilizwe belingenayo imithetho?

Ngubani omisela imithetho?

Ngubani oqinisekisa ukuba siyayithobela imithetho yelizwe?



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

ugcado ukugcakamela ~~ingca~~
gcina neengcambu yingcibi




- 1 Iqokelelwe ndawoninye ingca eza kutshiswa.
- 2 Ndiyaluthanda _____ lombona.
- 3 USipho uyonqena, uyathanda _____ ilanga.
- 4 UNomsa akathengi ngemali yakhe uyayi _____.
- 5 Utata _____, nguyeyi owakha izindlu zale lali.
- 6 Ukhula luncothule _____ ukuze lungakhuli.



INtlango iKalahari

Iintlango ziindawo ezinamanzi amancinci kakhulu nesanti eninzi. Eyona ntlango inkulu eMzantsi Afrika yiNtlango iKalahari, ekuMntla Koloni. Zikhona izilwanyana ezinakho ukuhlala entlango, njengenkukhama, iqwarhashe lesantabeni nemihlangala. Kukwakho nengca, amatyholo kunye nemithi enameva enokukhula entlango.



Phanda ufumane

Ikweyiphi indawo iNtlango iKalahari (ilizwe kunye nephondo)?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Yahluke njani intlango kwihlathi?



Amalungelo abantwana

Bhala igama elichanekileyo phantsi komfanekiso ngamnye.

Ixesha lokudlala

Ukutya

Ikhaya

Usapho

Unyango


Ukhuseleko

Ubumi

Imfundo



Imfundo





Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ziqhelise ukufunda la magama neqabane lakho. Fundani ngotyibiliko. Qaphelani iziphumlisi.

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwaye kukho intombazana nenkwenkwe, ababebizwa ngokuba nguHana noLizo.

Babehlala notata wabo kwindlu esekupheleni kwehlathi. UHana noLizo babanenkathalo kakhulu. Emva kokuba emkile utata wabo ukuya emsebenzini, bona babesipha iinkukhu ukutya, benza umsebenzi wabo wesikolo, baze bapheka isidlo sangokuhlwa. Utata wabo wayezingca ngabo. Wayenomthetho nje omnye. “Musani ukuya ehlathini.”

6
10
12
17
21
28
33
39
44
50
51

Ngoku funda ngomzuzu omnye. Mangaphi amagama owafundileyo? Zama ukwenza ngaphezulu kwenqaku lakho lakuqala.

	1	2
Inani lamagama endingawazanga.		



IKruger National Park



Iindawo zokulondoloza izilwanyana ziindawo apho izilwanyana zasendle zikhuselekileyo khona. IKruger National Park yenye yezona ndawo zinkulu zokulondoloza izilwanyana e-Afrika. IKruger National Park inezilwanyana ezininzi zasendle eziquka ezona zilwanyana zinkulu ezintlanu (iBig Five): iingonyama, amahlosi, imikhombe, iindlovu kunye neenyathi. Ungayityelela le paki ukuze ubone zonke izilwanyana ezilapho.



Ngokukokwam/ngokuzimela



Ucinga ukuba izilwanyana zigcinwa njani zikhuselekile kwiindawo zolondolozo?



Unxweme loMzantsi Afrika

Unxweme kulapho ulwandle ludibana khona nomhlaba. UMzantsi Afrika unonxweme olude kakhulu. Ulwandlekazi i-Atlantiki, olubandayo lukunxweme oluseNtshona. Ulwandlekazi i-Indiya, olufudumeleyo lukunxweme oluseMpuma. Zimbini izixeko ezinkulu kunxweme loMzantsi Afrika. LiKapa neTheku (eThekwini). Zineendawo zokumisa iinqanawa. Kulo lonke unxweme loMzantsi Afrika uya kufumana iilwandle ezintle ezinesanti ethambileyo, amatye namaza.



Funda ucinge

Yintoni iKapa neTheku ezifana ngayo?



Ngokukokwam/ngokuzimela

Ukuba ungaya elunxwemeni ungathanda ukwenza ntoni?





Ndiyakwazi ukubhala aba nobumba

a

--

b

--

c

--

d

--

e

--

f

--

g

--

h

--

i

--

j

--

k

--

l

--

m

--

n

--

o

--

p

--

q

--

r

--

s

--

t

--

u

--

v

--

w

--

x

--

y

--

z

--



Ndiyakwazi ukubhala aba nobumba

a

--

B

--

b

--

D

--

E

--

F

--

G

--

H

--

I

--

J

--

K

--

L

--

M

--

N

--

O

--

P

--

Q

--

R

--

S

--

T

--

U

--

V

--

W

--

X

--

Y

--

Z

--

Upelo



Iveki yesi-2

1. inxeba
2. inxiwa
3. nxwala
4. unxweme
5. ihlamvu
6. ihlungu
7. umhloli
8. ihlwempu
9. izihlwele
10. ihlwili

Iveki yesi-3

1. ibhola
2. ibhaso
3. ingalo
4. ingulo
5. ithafa
6. ithemba
7. ithumba
8. intando
9. intente
10. intaka

Iveki yesi-4

1. isihlwahlwazi
2. isihlwitha
3. hlwayela
4. xhoma
5. xhela
6. xhentsa
7. intsika
8. intsumpa
9. intsunguzi
10. intsente

Iveki yesi-5

1. intlonti
2. intlaka
3. intlekele
4. indlwane
5. indlovu
6. indlulamthi
7. indlamanzi
8. inkweli
9. inkwenkwe
10. inkwali



Iveki yesi-6

1. igwiba
2. igwada
3. isagweba
4. usomagwaza
5. ingwamza
6. ingwenya
7. ingwe
8. inyathi
9. unyana
10. inyoba

Iveki yesi-7

1. ulugxa
2. igxamesi
3. igxokogxoko
4. ingxolo
5. ingxilimbela
6. isingxungxo
7. inxili
8. izinxonxo
9. unxano
10. inxeba

Iveki yesi-8

1. indlela
2. iindlathi
3. igwele
4. isigwinta
5. ingweletshetshe
6. ingwane
7. ixhwele
8. ixhwili
9. intsasa
10. intsomi

Iveki ye-9

1. ingubo
2. ingabangaba
3. ingomso
4. ugcado
5. igcedevu
6. egcibhala
7. iingcondo
8. ingcibi
9. iingceba
10. ingcawa



Funda Wande

Reading for Meaning

Iindaba zam

Namhlanje ndingathanda ukunixelela malunga ...



Nini?




Ngubani?



Phi?



Kwenzeke ntoni?



Ndizive ... Ngoba ...